



OKUNGAMAMPUNGE NOKUYINYANISO

malunga namalingo ezonyango eeMvavanyo zokuFumanisa i-TB ngokuxilonga

AMAMPUNGE

Abantu kumazwe asaphuhlayo basetyenziswa “njengabantu abazinikela ekusetyenzisweni kulingo” kumalingo ezonyango ovavanyo okufumanisa isifo ngokuxilonga.

INYANISO

Awona malingo ezonyango okuqala ngokuqhelekileyo abanjelwa kwilizwe apho kuqale kwafunyanwa khona uvavanyo lokufumanisa isifo ngokuxilonga.

Emva kokuba uvavanyo lokufumanisa isifo ngokuxilonga luqala ukuvavanyelwa ukuchaneka kusetyenziswa iisampuli elebhu, kufuneka luvavanywe kumazwe apho isifo sixhaphake khona ukubona ukuba ingaba luyasifumanisa na isifo kubantu abaneempawu. Ngamalingo ovavanyo lokufumanisa i-TB ngokuxilonga, oku kufuneka kube kwingingqi yabahlali enamazinga aphezulu e-TB.

AMAMPUNGE

Bigazi eliqokelelwe kumalingo ezonyango liye mva lithengiselwe ukwenza inzuzo.

INYANISO

Igazi alinakuze lithengiswe okanye lisetyenziswe ngendlela engekho semthethweni!

Igazi liyafunwa kulingo lwezonyango ukuze kwenziwe uvavanyo lokufumanisa isifo ngokuxilonga. Olu luvavanyo olutsha olufumanisa amajoni omzimba e-TB egazini endaweni yokufumanisa iintsholongwane ze-TB kwisikhohlela. Uvavanyo olutsha luyakhawuleza, lungenziwa kumaziko ezempilo anje ngeli, kwaye alufuni naziphi na izixhobo zaselebhu. Uvavanyo lusebenzisa elona gazi lincinci linokufumaneka. Elinye igazi liza kugcinwa ukuze livavanywe mva ukuze kuphuhlise kwaye/okanye kuphuculwe ngokungaphaya uvavanyo olo, kodwa ngemvume yomthabathinxaxheba kuphela.

AMAMPUNGE

Iimvavanyo zokufumanisa i-TB ngokuxilonga ezisetyenziswa ngelixa lamalingo ezonyango zibangela i-TB ebantwini.

INYANISO

Uvavanyo lokufumanisa i-TB ngokuxilonga alunakuze lukubangele i-TB!

Ngelixa lolingo lwezonyango, ngumlinganiselo omncinci wegazi kuphela oza kuthathwa kubathabathinxaxheba. Igazi liza kuthathwa emthanjeni engalweni yomthabathinxaxheba kusetyenziswa kube kanye ivatyhutheyina nesirinji ezibulewe iintsholongwane. Umthabathinxaxheba angeva “ukuhlatywa” okungephi ngenaliti ebhitye kakhulu, kodwa akaz’ ukufumana TB okanye naluphi na olunye usuleleko.

AMAMPUNGE

Lusakube uvavanyo lokufumanisa isifo ngokuxilonga lufunyaniswa lusebenza, oko akuz’ ukuzisa abahlali kunye nabathabathinxaxheba kumalingo ezonyango.

INYANISO

Ukuba nje sibufumane ubungqina bokuba uvavanyo olutsha lokufumanisa isifo ngokuxilonga luchanekile kwaye lukulungele ukusetyenziswa kumaziko ezempilo anje ngeli, uvavanyo luza kwenziwa ukuba lufumaneka kuyo nayiphi na ingingqi yabahlali abarhulumente wabo ulwamkelayo kwaye alunike ilayisenisi. Umnqophiso wethu kukuphuhlisa uvavanyo olutsha lokufumanisa isifo ngokuxilonga olufumaneka kwaye nolufikeleleka kulo lonke uluntu olulufuna kakhulu, ngako oko abantu abane-TB bangawafumana amayeza baze baphile ngokukhawuleza kangangoko.

AMAMPUNGE

Ngabantu abagula yi-TB kuphela abanokuthabatha inxaxheba kumalingo ezonyango ovavanyo lokufumanisa i-TB ngokuxilonga.

INYANISO

Ulingo lwezonyango lokufumanisa i-TB ngokuxilonga luqwalasela ukuba ingaba uvavanyo olutsha lungayifumanisa ngokuchanekileyo na i-TB. Ngako oko, abantu abathabatha inxaxheba kulingo lwezonyango lovavanyo lokufumanisa i-TB ngokuxilonga baza kuba neempawu zezifo zemiphunga ezinokuba zibangelwe yi-TB okanye ezingabangelwanga yiyo. Uvavanyo olutsha luza kufumanisa i-TB kuphela, kwaye ngaba bantu kuphela abaza kufumana amayeza e-TB. Abantu abangenayo i-TB bangawafumana amanye amayeza.